Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

## NOVEMBA 2020

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3 (EXEMPLAR)

**AMANQAKU:** **100**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathi emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-

   - 80 kwiCANDELO A.
   - 40 kwiCANDELO B
   - 30 kwiCANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. UBUDE BEEMPENDULO:
    ICANDELO A: Izincoko–Bhala isincoko esili-190–240 amagama.
    ICANDELO B: Imihlathi emide- Bhala ama-80–100 amagama. [umxholo kuphela]
    ICANDELO C: Imihlathi emifutshane- Bhala ama-60–80 amagama. [umxholo kuphela]

11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

1.1 Eyona nto ndingenakuyilibala ngo2020. **[50]**

1.2 Andinakuphila ngaphandle kwe... **[50]**

1.3 Ucoceko lweengingqi zethu luxanduva lwethu sonke. **[50]**

1.4 Ibalulekile ngenene na ifashoni? **[50]**

1.5 Itekhnoloji nemfundo. **[50]**

1.6 Xa ndinokubalilungu lepalamente. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthathwe ku www. jerichowriters.com.] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE

### UMBUZO 2

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80–100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho umbalisele ngokuphumelela kwakho kukhuphiswano lwee-*Idols.* **[30]**

2.2 **INGXOXO YABABINI/IDAYALOGU**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabahlobo ababini bexoxa ngokuvavanywa kwamayeza okuthintela izifo zabantu kwizilwanyana. **[30]**

2.3 **IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi oyithandayo. **[30]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi komhlali nomphathiswa wezemfundo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kweli CANDELO. Umhlathi lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Khumbula ukuYILA.

3.1 **IPOWUSTA**

Bhala ipowusta eyazisa ngomdlalo wombhoxo weqela lesizwe oza kubanjelwa kwidolophu yakho. **[20]**

3.2 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntegiso, uthengise imveliso entsha yeshishini lakho. **[20]**

3.3 **ISIMEMO**

Bhala isimemo setheko lokuzalwa kwakho. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**